PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA IZIMVO ZAKHO

UMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WEMITHETHO YEMFUNDO ESISISEKO [B2-2022]

UKUNGENISWA KWEZIPHAKAMISO

IKomiti yeMicimbi yeSebe leMfundo esiSiseko limema amahlakani kunye nabantu abanomdla ukuba bangenise izimvo ezibhalisweyo malunga noMthetho-siHlomelo oYilwayo weMithetho yeMfundo esiSiseko [B2-2022]. **Lo Mthetho uYilwayo uyafumaneka ku: https://www.parliament.gov.za/bill/2300398**

Lo Mthetho uYilwayo wenza izilungiso kuMthetho weziKolo zoMzantsi Afrika, wowe-1996 (uMthetho uNombl. 84 wowe-1996) (i-SASA), kunye noMthetho wokuQeshwa kooTitshala, wowe-1998 (uMthetho uNombl. 76 wowe-1998) (i-EEA) ukuze ihambelane nezinto ezintsha ezenzekayo kwicandelo lezemfundo kunye nokuqinisekisa ukuba iinkqubo zokufunda zime ngendlela ebethelela ukubaluleka kwelungelo lokufumana imfundo esisiseko eligxininiswa kakhulu kwicandelo 29(1) loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi woMzantsi Afrika, wowe-1996.

Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho uYilwayo uzama ukwenza izilungiso kwiinkcaza ezithile; ucacise ukuba kunyanzelekile ukuba abantwana bafunde iBanga R, ukunika nengcaciso ngokuphuculwa kweenkqubo ezinxulumene nokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente. Unika ingcaciso ngezicwangciso zolawulo lwezimali nangoxanduva lokuphendula ngamabhunga alawula izikolo kunye namasebe amaphondo.

Lo Mthetho uYilwayo ucacisa amagunya aseMthethweni oMphathiswa, futhi uphucule nendlela ezithathwa ngayo izigqibo kunye namagunya okubeka iliso eeNtloko zamaSebe kunye nabaPhathiswa bamaPhondo.

Lo Mthetho uYilwayo uphakamaiso ukuba kwenziwe uhlenga-hlengiso olunzulu nolubonakalayo, ucacisa namanye amasolotya akhoyo, ufakela namanye amasolotya angacaciswanga kakuhle kulo mthetho ukhoyo ngoku kwaye wenza ngqingqwa neendlela zokunyanzelisa ukuba ithotyelwe imithetho elawula amatyala nezohlwayo.

Umntu okanye umbutho ofuna ukufaka iziphakamiso ezibhaliweyo makazithumele ngqo kuMnu Llewellyn Brown, uNobhala weKomiti ngale imeyile: **belabill02@parliament.gov.za** okanye ku-intanethi ku: **https://forms.gle/MoC6AdbdQyYPk3Y49** okanye azithumele **ngo-Whatsapp kule nombolo: +27 60 550 9848.** Ukuba unemibuzo ungatsalela uMnu Llewellyn Brown kule nombolo: 083 709 8450. Iziphakamiso ezibhaliweyo kufuneka zifike ePalamente phambi komhla we-15 kweyeSilimela 2022 phambi kwentsimbi yesi-16:00. Ukongeza kwezi ziphakamiso zibhaliweyo nceda uchaze ukuba ufuna ukuza kungenisa iziphakamiso zakho ngomlomo.

Zonke iintlobo zembalelwano kufuneka zithunyelwe kuNkskz B P Mbinqo-Gigaba, uSihlalo: IKomiti yeMicimbi yeSebe leMfundo esiSiseko zibhalwe uMnu L A Brown ngaphandle.

Kwisiphakamiso sakho, nceda ubhale igama, ifani, inombolo yomnxeba, idilesi ye-imeyile yalo mntu okanye mbutho ungenisa isiphakamiso.

Sikhutshwe nguNkskz B P Mbinqo-Gigaba, iLungu lePalamente, uSihlalo: iKomiti yeMicimbi yeSebe leMfundo esiSiseko.

Parliament – Following up on our commitments to the People – Making your future work better